

INcwadana yoHlolo







IBANGA

1

ISIXHOSA

ULWIMI LWASEKHAYA

IKOTA 1 & 2





INcwadana yoHlolo

IBANGA 1 | IKOTA 1 & 2

ISIXHOSA

Iziqulatho

UVAVANYO LOKUFUNDA NGOKUVAKALAYO NGOTYIBILIKO: UVAVANYO JIKELELE	1
IKOTA 1	9
IKOTA 1 IIMVAVANYO ZO-FVT	10
IKOTA 1 IFOMU YOHLALUTYO	14
IKOTA 1 INKQUBO YOHLOLO	15
IKOTA 2	21
IKOTA 2 IIMVAVANYO ZO-FVT	22
IKOTA 2 IFOMU YOHLALUTYO	26
IKOTA 2 INKQUBO YOHLOLO	28
IBANGA 1 AMAPHEPHA OKUREKHODA O-FVT	35



UVavanyo lokuFunda ngokuVakalayo ngoTyibiliko: Uvavanyo jikelele

ImiGangatho yeDBE yokuFunda ngoTyibiliko ekuQaleni kweBanga

Umgangatho weDBE uzichaza ngokucacileyo iziphumo ezilindelekileyo ekupheleni konyaka ngamnye wezifundo:

Ulwimi	Ekupheleni kweBanga 1, bonke abafundi kufuneka babe sele bekwazi ukufunda ubuncinane:	Ekupheleni kweBanga 2, bonke abafundi kufuneka babe sele bekwazi ukufunda ubuncinane:	Ekupheleni kweBanga 3, bonke abafundi kufuneka babe sele bekwazi ukufunda ubuncinane:
isiNdebele HL	40 zfcmm	20 afcm	35 afcm
isiXhosa HL	40 zfcmm	20 afcm	35 afcm
isiZulu HL	40 zfcmm	20 afcm	35 afcm
isiSwati HL	40 zfcmm	20 afcm	35 afcm
isiPedi HL	40 zfcmm	40 afcm	60 afcm
isiSuthu HL	40 zfcmm	40 afcm	60 afcm
isiTswana HL	40 zfcmm	40 afcm	60 afcm
isiVenda HL	40 zfcmm	35 afcm	55 afcm
isiTsonga HL	40 zfcmm	30 afcm	40 afcm
iAfrikansi HL	40 zfcmm	50 afcm	80 afcm
isiNgesi HL	40 zfcmm	50 afcm	70 afcm
isiNgesi FAL	ayingeni	30 afcm	50 afcm

zfcmm = Izandi ezifundwa ngokuchanekileyo ngomzuzu / afcm = amagama afundwa ngokuchanekileyo ngomzuzu

IBANGA 1 | UKUFUNDA NGOKUVAKALAYO NGOTYIBILIKO

I-NHLRP ixhasa injongo yeDBE yokuxhobisa ootitshala banikeze inkxaso egqalileyo kubafundi ekufundeni. Le nkxaso iquka ezi mvavanyo zokufunda ngokuvakalayo ngotyibiliko kwiBanga 1:

IBanga / IKota	60 imizuzwana ulwazi lwezandi zoonobumba	60 imizuzwana ukufunda amagama	60 / 180 imizuzwana ukufunda umhlathi	imibuzo yengqiqo nokuqonda yomlomo
IBanga 1 IKota 1	1.1.A (15 izandi)	1.1.B (15 amagama)	ayingeni	ayingeni
IBanga 1 IKota 2	1.2.A (30 izandi)	1.2.B (30 amagama)	ayingeni	ayingeni
IBanga 1 IKota 3	1.3.A (45 izandi)	1.3.B (45 amagama)	1.3.C	1.3.D (4 imibuzo)
IBanga 1 IKota 4	1.4.A (60 izandi)	1.4.B (60 amagama)	1.4.C	1.4.D (4 imibuzo)

Ukulungisele iimVavanyo zokuFunda ngokuVakalayo ngoTyibiliko

- Kwikota nganye, uya kufumana iikopi ezimbini zovavanyo lokuFVT.
 - Ikopi katitshala - iqulathe inani lezandi okanye amagama kumgca ngamnye.
 - Ikopi yomfundi - ibhalwe ngefonti nobukhulu bamagama afanelekileyo.
- Lungiselela ukuvavanya ngokulamineyitha zombini iikopi zovavanyo.
 - Oku kukuvumela ukuba ubhale kwikopi katitshala, uze ucime uphinde uyisebenzise.
 - Ikwakhusela ikopi yomfundi, ukuze olu vavanyo luphinde lusetyenziswe amatyeli ngamatyeli.
- Nceda uqaphele: likopi ezicala linye zoFVT zibonelelwe njengenxalenye yepakethe yoonotsheluzi.



limVavanyo zoFVT kweNHLRP Ukuqonda inkqubo yemithetho yokuthiya amagama

1.1.A - ibonisa **ibanga**

1.1.A - ibonisa **ikota**

1.1.A - ibonisa **uhlobo lovavanyo**: ukufunda
Izandi

Ukulawula iimVavanyo zokuFunda ngokuVakalayo ngoTyibiliko

1. Zinzisa iklassi nomsebenzi obhaliweyo.
2. Biza umfundi abe mnye ngexesha aze kufunda.
3. Nika umfundi ikopi yomfundi yetekisi.
4. Seta isibalixesha ngokwexesha elimiselweyo.
5. Xelela umfundi ukuba afunde itekisi ngokuvakalayo ude uthi makeme.
6. Xelela umfundi ukuba atsibe Izandi / amagama angakwaziyo ukuwafunda ngokukhawuleza.
7. Qala isibali-xesha umamele umfundi efunda.
8. Kwikopi katitshala elamineyithiweyo yetekisi, sebenzisa ipeni ecimekayo 'ukuchaphaza' kwindawo nganye:
 - isandi okanye igama alifunde ngokungachanekanga umfundi
 - isandi okanye igama elitsitywe ngumfundi
 - isandi okanye igama athi umfundi athathe ixesha elide kunemizuzwana emi5 elifunda
9. Emva kwexesha elimiselweyo, xelela umfundi ukuba ayeke, uze ubhale isandi okanye igama lokugqibela elifundwe ngumfundi.
10. Uvavanyo C, iimvavanyo zokufunda isicatshulwa:
 - Ukufundwa kwesicatshulwa imizuzwana engama60, kunye
 - nokufundwa kwesicatshulwa imizuzwana engama180
11. Sebenzisa ezi mvavanyo ngolu hlobo lulandelayo:
 - Singatha Uvavanyo C ngokwesiqhelo imizuzwana yokuqala engama60 yokuqala.
 - Kwimizuzwana yokuqala engama60, mamela abafundi befunda ngokuvakalayo uze wenze ichaphaza kwikopi yakho yovavanyo kwimpazamo nganye eyenziwayo.
 - Emva kwemizuzwana engama60, bhala igama lokugqibela elifundwe ngumfundi kwimizuzwana engama60.
 - Sebenzisa ezi nkukacha njengesiphumo sovavanyo C.
12. Emva koko, vumela umfundi aqhubeke nokufunda isicatshulwa sovavanyo C eminye imizuzwana eli120.
13. Emva koko, sebenzisa uvavanyo D uvavanye ingqiqo nokuqonda yomfundi ngomlomo.
 - Buza umfundi umbuzo ngamnye uze umlinde aphenhule.
 - Xa engaphenduli kwimizuzwana emi5-10 gqithela kumbuzo olandelayo.
 - Ukuba umfundi akagqibanga ukufunda isicatshulwa, buza kuphela imibuzo anokuba nakho ukuyiphendula.

UVavanyo lokuFunda ngokuVakalayo ngoTyibiliko

Ukulawula iimvavanyo

1

Ukulawula uFVT:

- Mamela umfundi efunda itekisi kangangexesha alimiselweyo.
- Yenza ichaphaza kwikopi yakho yetekisi ngalo lonke ixesha umfundi:

a Efunda isandi okanye igama ngokungachanekanga **a**

b Etsiba isandi okanye igama **b**

c Ethatha imizuzwana edlula emi5 ukufunda isandi okanye igama ukufunda isandi okanye igama **c**

- Mmise umfundi xa ixesha elibekiweyo/elimiselweyo liphelile.

2

Xa ndisithi qala, nceda ufunde le tekisi. Ukuba akukwazi ukufunda igama, litsibe. Xa ifowuni yam ikhala, yeka ukufunda.

3

Qala.

4

Ikhaya lam ndiyalithanda ikhaya lam. Ndiyamthand nomama, utata kunye nobhuti wam. Umakhulu wam naye uhlala nathi. Sihlala kwindlu emhlophe na...

5

2.0.1
80 WINDU
IBhali le-AMBA
I khaya lam ndiyalithanda ikhaya lam. Ndiyamthand nomama, utata kunye nobhuti wam. Umakhulu wam naye uhlala nathi. Sihlala kwindlu emhlophe na...

2	2
10	12
8	20
10	30
8	38
5	43

6

Ufunde igama elithi 'ndiyamthand' endaweni yelithi 'ndiyamthanda'.

7

Akakwazanga ukufunda u'kakuhle'.

Enkosi, ixesha liphelile.



UkuBala iziPhumo zoFundo ngoTyibiliko

1. Bala amaqaku ewonke anokufunyanwa ngumfundi.
 - Jonga apho umfundi agqibezele khona ukufunda – qaphela amaqaku ewonke afunyenwe kulo mgca
 - Thabatha onke amagama umfundi angawafundanga kumgca wokugqibela
 - La ngamagama ewonke anokufunyanwa ngumfundi
2. Okulandelayo, thabatha amagama anamachokoza kwinani lilonke elinokufunyanwa (amagama angafundwanga ngokuchanekileyo, atsityiweyo okanye ekuthathwe ixesha elide ukuwafunda). Oku kukunika inani lamagana omfundi ewonke.
3. Rekhoda amagama omfundi eKota ewonke.

Imimiselo yoFVT
novavanyo ziluncedo
ngenene. Zindinika
ukuqonda okucacileyo
kweyona nto abafundi
bam badinga ukuyizuzisa
kulo nyaka!



UVavanyo lokuFunda ngokuVakalayo ngoTyibiliko

Ukubala iziphumo

Ukubala ukufunda ngotyibiliko:

- Bala ukuba mangaphi amagama afundwe ngumfundi ngomzuzu.
- Thabatha inani lamagama 'amachokoza'.
- Rekhoda/bhala inani lamagama afundwe ngokuchanekileyo ngomzuzu.

Makhe
ndibone ukuba
uqhube kakhile
kangakanani
uSifiso ekufundeni
kwakhe.



2.0.1
80 W/m²/N

[illegible]

USifiso wenze

iiimpazamo ezi2, ngoko
ke amagama akhe
achanekileyo ewonke
angama30 ngomzuzu
omnye.



lgama lokugqibela alifundileyo uSifiso
ngu 'amagumbi'. Akawafundanga
amagama ama6 kulo mgca, ngoko ke
amagama akhe ewonke ngamagama
angama32.

 $24 - 6 = 32$ [illegible]

The sum of the first 10 terms of an arithmetic sequence with $a=2$ and $d=3$ is:

$$S_n = \frac{n}{2} (2a + (n-1)d)$$

$$S_{10} = \frac{10}{2} (2 \cdot 2 + (10-1) \cdot 3)$$

$$S_{10} = 5 (4 + 9 \cdot 3)$$

$$S_{10} = 5 (4 + 27)$$

$$S_{10} = 5 (31)$$

$$S_{10} = 155$$

A close-up photograph of a document, possibly a form or a letter. A red heart-shaped sticker is placed on the paper. Next to it is a small red dot. The text on the document is partially visible and appears to be a list or a set of instructions.

Ukurekhoda iziphumo zoFVT


1. Le nkqubo iquka amaphepha okurekhoda uFVT.
2. Amaphepha okurekhoda adijithali ayafumaneka kwiwebhusayithi yeNECT.
3. Sebenzisa la maphepha okurekhoda ukurekhoda zonke iziphumo zoFVT unyaka wonke.

Ukusebenzisa Amaphepha Eziphumo neeFomu zoHlalutyo


1. Inkqubo ikwaquka iFomu yoHlalutyo yoFVT yekota nganye.
2. Le ifanele ukusetyenziswa ukubhala iimpazamo zabafundi, ngeenjongo zokulungisa.
 - Sebenzisa le fomu de inkqubo ifikelele esiphelweni.
 - Yenza uphawu kwikholam efanelekileyo maxa onke umfundi esenza impazamo.
 - Wakugqiba ukwenza uvavanyo, dibanisa amanani esandi ngasinye negama.
3. Beka phambili ezona mpazamo zenzeka kaninzi ulungiselela ukulungisa ngolu hlobo:
 - **Izandi:** Fundisa kwakhona isandi kwiklasi yonke. Emva koko, kwiiveki ezimbalwa ezilandelayo, qinisekisa ukuba usebenzisa eso sandi kuhlanganiso zandi, ucazululo nakwimisebenzi yokwakhiwa kwamagama.
 - **Amagama:** Hlaziya Izandi ezikwigama kunye neklasi yonke. Hlaziya isakhono sokuhlanganisa Izandi kunye neklasi yonke. Biza abafundi ngabanye beze kuhlanganisa baphinde bacazulule amagama. Kwiiveki ezimbalwa ezilandelayo, milisela ingqalelo kwimisebenzi yohlanganiso nolwakhiwo lwamagama.
 - **Ukufundwa kwesicatshulwa:** Funda izicatshulwa ngokuphindaphinda ngolu hlobo:
 - Fundela ikhosi isicatshulwa ngokuvakalayo, njengoko bekulandela ezincwadini zabo.
 - Funda isicatshulwa kunye neklasi, ubonisa isantya nemvakalozwi.
 - Biza amaqela awohlukileyo okanye abafundi bafunde icandelo letekisi ngokuvakalayo.
 - Kwiiveki ezimbalwa ezilandelayo, qhubeka nokubeka phambili ukufunda ngokuphindaphinda iitekisi ezahlukeneyo.
 - **Ingqiqo nokuqonda yomlomo:** Hlalutya ingxaki uze nendlela yokulungisa ngolu hlobo:
 - Ukuba abafundi abakwazi ukufunda isicatshulwa sonke, okanye batsala nzima kumagama amaninzi: Qhubeka nokwakha izakhono zokudikhowuda nezotyibiliko. Fundisa abafundi ukufunda nokuhlanganisa Izandi, ziqhelise ukuhlanganisa nokucazulula amagama, yenza ufundo lwetekisi uphindaphinda.
 - Ukuba abafundi abawuqondi umongo wetekisi kwizicatshulwa: Milisela umgqalasela ekwakheni isigama nolwazi lwangaphampili. Fundela ikhosi amabali amaninzi kangangoko unakho.
 - Ukuba abafundi bayaqonda balandele kodwa abakwazi kuphendula imibuzo: Milisela ingqalelo ekufundiseni izakhono zengqiqo nokuqonda ngexesha lokufunda notitshala. Cacisa intsingiselo yombuzo. Bonisa abafundi indlela yokufumana impendulo yombuzo. Nika abafundi amathuba amaninzi okuziqhelisa ukuphendula imibuzo ngomlomo.
4. Sebenzisa iziphumo ukuhlaziya amaqela akho afunda ngamaqela ancediswa ngutitshala ekuqaleni kwekota nganye.
 - Beka abafundi abanamanqaku aphezulu kunye. La maqela anokuba makhudlwana.
 - Beka abafundi abanawona manqaku aphantsi kunye. Zama ukugcina la maqela emancinci kangangoko unako.
5. Landela inkqubo yeziphumo zabafundi kwiikota zonke.
 - Qaphela amanqaku omfundi ngamnye kwiimvavanyo zekota nganye.
 - Qaphela abafundi abangaqhubeli phambili okanye ababuyela emva.

IBANGA 1 | UKUFUNDA NGOKUVAKALAYO NGOTYIBILIKO

- Kuya kufuneka uchithe ixesha elongezelelweyo naba bafundi, usebenza kwinqanaba elichanekileyo lolungiso.
6. Qaphela umyinge wamanqaku eklasi kuzo zonke iikota. Ukuba ubona ukungabikho kuphucuka okanye ukuhla ngokubanzi kumyinge weklasi, qwalasela oku kulandelayo:
- Cinga ngexesha elilahlekileyo okanye eliphazamisekileyo lokufundisa ngekota. Khumbula ukubeka phambili izifundo zokufunda ukuya phambili.



IKOTA 1





IKota 1 limVavanyo zoFVT

U-FVT kweNHLRP

Ulwimi: isiXhosa

Uvavanyo 1.1.A

Ikopi katitshala

15 izandi / 60 imizuzwana

a	B	c	e	i	5
L	a	c	o	l	10
B	i	u	C	a	15

IBANGA 1 | IKOTA 1 IIMVAVANYO ZO-FVT

U-FVT kweNHLRP

Ulwimi: isiXhosa

Uvavanyo 1.1.A

Ikopi yomfundi

a	B	c	e	i
L	a	c	o	l
B	i	u	C	a

IBANGA 1 | IKOTA 1 IIMVAVANYO ZO-FVT

U-FVT kweNHLRP

Ulwimi: isiXhosa

Uvavanyo 1.1.B

Ikopi katitshala

15 amagama / 60 imizuzwana

aba	baba	caba	beba	bala	5
bila	bacha	icici	lilele	cela	10
balele	bacela	bacaca	liceba	libalele	15

IBANGA 1 | IKOTA 1 IIMVAVANYO ZO-FVT

U-FVT kweNHLRP

Ulwimi: isiXhosa

Uvavanyo 1.1.B

Ikopi yomfundi

aba	baba	caba	beba	bala
bila	bacha	icici	lilele	cela
balele	bacela	bacaca	liceba	libalele



IKota 1 Ifomu yohlalutyo

U-FVT kweNHLRP

Ulwimi: isiXhosa

IBanga 1 IKota 1

Ifomu yohlalutyo

Izandi 1.1.A	Ukubalwa kweempazamo	Kukonke / Zizonke
a		
B		
c		
e		
i		
L		
a		
c		
o		
l		
B		
i		
u		
C		
a		
Amagama 1.1.B	Ukubalwa kweempazamo	Kukonke / Zizonke
aba		
baba		
caba		
beba		
bala		
bila		
baca		
icici		
lilele		
cela		
balele		
bacela		
bacaca		
liceba		
libalele		



INkqubo yoHlolo

IBANGA 1 IKOTA 1

I-ATP ehlaziyiweyo ibonelela ngovavanyo olusekwe esikolweni kwikota nganye. Ngokubhekiselele koku, ezi zakhono zilandelayo kunye neengcamango kufuneka zivavanywe kwiKota 1:

ICANDELO	UMSEBENZI
 Ukuphulaphula nokuthetha	Uphulaphula ibali eliqhelekileyo. Ulibalisa kwakhona ibali, kubandakanywa onke amanqaku aphambili.
 Izandi	Uchonga ubudlelwane besandi esisodwa – izikhamiso neekhonsolanti.
 Ukufunda nengqiqo nokuqonda	Ufunda ngokuvakalayo kwincwadi ekwinqanaba lakhe. Uqikelela ibali esebenzisa imifanekiso. Ulungelelanisa iziganeko ezi3 ngokulandelelana okuchanekileyo.
 Ukubhala ngesandla	Ubhala oonobumba abancinane ngokuchanekileyo.
 Ukubhala	Uzoba umfanekiso ukuhambisa umyalezo. Ukhuphela iingcaciso kunye nezivakalisi.

IMIZEKELO YEMISEBENZI YOHLOLO

- Le misebenzi yohlolo iyilelwe ukuba yinxalenye yenkqubo yeNHLRP.
- Apho kufanelekileyo, iimvavanyo zoFVT kweNHLRP zibandakanyiwe njengenxalenye yenkqubo yohlolo.
- Le misebenzi yohlolo ingasetyenziswa njengoko injalo okanye ilungiselwe ukulungela iimfuno zesithili.



Ukuphulaphula nokuthetha

Uphulaphula ibali eliqhelekileyo.

Ulibalisa kwakhona ibali, kubandakanywa onke amanqaku aphambili.

Umsebenzi

- Yenza oku xa kuza kuphela ikota.
- Xelela abafundi ukuba bacinge ngelona bali labo balithandayo kule kota.
- Cacisa ukuba baza kuza baliphinde bakubalisele ibali.

Imimiselo

Xelela abafundi ukuba xa bebalisa ibali, maba:

- Balise ibali ngolandeelwano oluchanekileyo: kwaqala kwenzeka ntoni, kwalandela ntoni kwagqibela ntoni
- Babize izinto kube kanye: bangaphindaphindi
- Bazi abaza kukuthetha: baziqhelanise ukulibalisa ibali

Ukuphunyezwa

- Nika abafundi imizuzu embalwa bacinge ngamabali abo.
- Bavumele bajike bathethe babalise ibali labo kwiqabane.
- Xelela abafundi bazobe umfanekiso oneeleyibhile wenxalenye yebali, njengoko uphulaphule abanye abafundi.
- Biza abafundi ngabanye ngabanye ukuza kubalisa elona bali labo balithandayo.
- Hlola umfundi ngamnye usebenzisa irubriki elandelayo.

IRUBRIKHI	INQANABA 1	INQANABA 2	INQANABA 3	INQANABA 4
Ubume nokulandelelana	Umfundi ubalisa amasuntswana ebali ngokulandelelana kwawo ngendlela engeyiyo.	Umfundi ubalisa inxalenye yebali ngolandeelwano oluchanekileyo.	Umfundi ubalisa inkoliso yebali ngolandeelwano oluchanekileyo.	Umfundi ubalisa ibali ngokulandelelana kwalo ngokuchanekileyo.
Utyibiliko	Umfundi uhlala enqumama, athandabuze kwaye awaphinde amagama okanye amabinzana.	Ngamanye amaxesha umfundi uyanqumama, athandabuze kwaye awaphinde amagama okanye amabinzana.	Umfundi ubalisa ibali ngotyibiliko, ngamanye amaxesha uyanqumama, athandabuze kwaye awaphinde amagama okanye amabinzana.	Umfundi ubalisa ibali ngotyibiliko nangoku-zithemba, ngaphandle kokunqumama, ukuthandabuzisa okanye ukuphinda amagama okanye amabinzana.



Izandi

Uchonga ubudlelwane besandi esisodwa (izikhamiso neekhonsonti)

Umsebenzi

- Yenza oku ukuphela kwekota.
- Sebenzisa uvavanyo loFVT kweNHLRP: 1.1.A

Ukuphunyezwa

- Biza abafundi ngabanye ngabanye bagqibezele uvavanyo loFVT, ngokwemiyalelo.
- Sebenzisa le theyibhile yoguqulo ingezantsi ukuguqulela kwinqanaba.

Inani lezandi ezifundwe ngokuchanekileyo	INQANABA
1 - 4	1
5 - 8	2
9 - 12	3
13 - 15	4



Ukufunda

Ufunda ngokuvakalayo kwincwadi ekwinqanaba lakhe.

Usebenzisa amagama asetyenziswa rhoqo kunye nezandi ukucacisa amagama.

Umsebenzi

- Yenza oku ukuphela kwekota.
- Sebenzisa uvavanyo loFVT kweNHLRP: 1.1.B

Ukuphunyezwa

- Biza abafundi ngabanye ngabanye bagqibezele uvavanyo loFVT, ngokwemiyalelo.
- Sebenzisa le theyibhile yoguqulo ingezantsi ukuguqulela kwinqanaba.

Inani lamagama afundwe ngokuchanekileyo	INQANABA
1 - 4	1
5 - 8	2
9 - 12	3
13 - 15	4



Ingqiqo nokuqonda

Uqikelela ibali ngokusebenzisa imifanekiso.

Ulungelanelisa iziganeko ezi3 ngokulandelelana okuchanekileyo.

Umsebenzi

- Yenza oku kwikota yonke ngexesha lezifundo zokuBalisa amaBali ngobuChule zangoLwesithathu.
- Sebenzisa izifundo ezinikwe kwisiCwangciso sokuFundisa seNHLRP.
- Sebenzisa iNcwadi yokuFunda enguNdoqo yeKota 1 yeNHLRP: ImiFanekiso yokuBalisa amaBali ngoBuchule (amaphepha 5, 9, 20, 34)

Ukuphunyezwa

- Njengoko abafundi begqibezela umsebenzi, hambahamba uphulaphule iimpendulo zomfundi ngamnye kumsebenzi.
- Hlola umfundi ngamnye usebenzisa irubrikhi elandelayo.

IRUBRIKHI	INQANABA 1	INQANABA 2	INQANABA 3	INQANABA 4
Ukulungelelaniswa komfanekiso nebali	Umfundi utsala nzima ukuqikelela ibali ngokubhekisele kumfanekiso. linzame zenziwe ukuqaphela abalinganiswa okanye indawo.	Umfundi uzama ukulungelelanisa ibali nomfanekiso. Abalinganiswa kunye/ okanye indawo zikhankanyiwe kwaye zibandakanyiwe. Nangona kunjalo, uthotho lweziganeko eziqikelelweyo azibonakalisi ngqiqo okanye umdla.	Umfundi ulungelelanisa ibali nomfanekiso. Abalinganiswa kunye nendawo bakhankanyiwe kwaye zibandakanyiwe, kwaye uthotho lweziganeko luqikelelwe.	Umfundi ulungelelanisa ngokucacileyo ibali nomfanekiso. Abalinganiswa kunye nendawo bakhankanyiwe zachazwa, kwaye uthotho oluqiqiweyo lweziganeko ezinika umdla luqikelelwe.
Ulandelelwaniso lweziganeko ebalini	Umfundi utsala nzima ukulandelelanisa naziphi na iziganeko ngokulandelelana kwazo.	Umfundi ulandelelanisa 1–2 yeziganeko ngolandelelwano olusengqiqweni.	Umfundi ulandelelanisa 2–3 yeziganeko ngolandelelwano olusengqiqweni.	Umfundi ulandelelanisa iziganeko ezi3 nangaphezulu ngolandelelwaniso olusengqiqweni.



Ukubhala ngesandla

Ubhala oonobumba abancinci ngokuchanekileyo

Umsebenzi

- Yenza oku kwikota yonke ngexesha lezifundo zokuBhala ngesandla.
- Sebenzisa izifundo ezinikwe kwisiCwangciso sokuFundisa seNHLRP.
- Ngexesha lezifundo, hambahamba ujonga izakhono zabafundi zokubhala ngesandla.
- Xa kuza kuphela ikota, jonga iincwadi zabafundi ujonge inkqubela yabo yokubhala ngesandla.
- Hlola umfundi ngamnye usebenzisa irubrikhi elandelayo.

IRUBRIKHI	INQANABA 1	INQANABA 2	INQANABA 3	INQANABA 4
Ukwakhiwa konobumba omncinci	Umfundi utsala nzima amaxesha amaninzi ukukhumbula indlela echanekileyo yokuqala kunye necala aya kulo. Uninzi loonobumba abancinci bakhiwe kakubi okanye ababunjwanga kakuhle.	Umfundi ngamanye amaxesha utsala nzima ukukhumbula indlela echanekileyo yokuqala kunye necala aya kulo. Abanye oonobumba abancinci bakhiwe kakubi okanye ababunjwanga kakuhle.	Umfundi uyazazi iindlela zokuqalisa ezichanekileyo zokuqalisa kunye necala aya kulo. Oonobumba abancinci bakhiwe ngoku-chanekileyo kodwa ucoceko lufuna ukunikwa ingqalelo.	Umfundi uyazazi iindlela zokuqalisa ezichanekileyo zokuqalisa kunye necala aya kulo. Oonobumba abancinci bakhiwe ngoku-chanekileyo nangoku-cocekileyo.



Ukubhala


Uzoba umfanekiso ukuhambisa umyalezo.

Ukhuphela iingcaciso kunye nezivakalisi.


Umsebenzi

- Yenza oku ngexesha lezifundo zokuBhala kwiVeki 6, 7 okanye 8.
- Sebenzisa izifundo ezinikwe kwisiCwangciso sokuFundisa seNHLRP.
- Ekupheleni kwesifundo sangoLwesihlanu, qokelela iincwadi zabafundi zohlolo.
- Hlola umfundi ngamnye usebenzisa irubrikhi elandelayo.

IRUBRIKHI	INQANABA 1	INQANABA 2	INQANABA 3	INQANABA 4
Umfanekiso: ukucaca noyilo	Lo mfanekiso unzima ukuwuqonda, okanye awuyilwanga ngumfundi – umzekelo katitshala ukhutshelwe.	Umfanekiso uyaqondakala kwaye ubonakalisa ubuchule bokuqweba, nangona ufana nomzekelo katitshala.	Umfanekiso kulula ukuwuqonda, ubuqu kunye noqobo.	Umfanekiso kulula ukuwuqonda, ubuqu, uqobo kunye noyilo.
Ukufakwa kwesihloko	Umfundi utsala nzima ukukhuphela isakhelo sengcaciso, kwaye akasigqibi isihlokwana.	Umfundi ukhuphela isakhelo sengcaciso, kodwa akaligqibi igama, okanye wenza iimpazamo ezininzi.	Umfundi ukhuphela isakhelo sengcaciso aze asigqibe, kodwa uneempazamo.	Umfundi ukhuphela isakhelo sengcaciso aze asigqibe ngoku- fanelekileyo.



IKOTA 2





IKota 2 limVavanyo zoFVT

U-FVT kweNHLRP

Ulwimi: isiXhosa

Uvavanyo 1.2.A

Ikopi katitshala

30 izandi / 60 imizuzwana

a	e	i	s	b	l	t	n	d	m	10
S	M	D	T	o	q	u	h	g	y	20
A	Y	H	b	l	E	s	m	I	d	30

U-FVT kweNHLRP Ulwimi: isiXhosa Uvavanyo 1.2.A Ikopi yomfundi									
a	e	i	s	b	l	T	n	d	M
S	M	D	T	o	q	u	h	g	y
A	Y	H	b	l	E	s	m	I	d

U-FVT kweNHLRP										
Ulwimi: isiXhosa										
Uvavanyo 1.2.B										
Ikopi katitshala										
30 amagama / 60 imizuzwana										
nana	mama	soso	susa	tata	ufudo	uyalila	ihagu	nasi	umile	10
igugile	isisele	umamele	itafile	qala	nali	ivele	eli	idada	umile	20
vala	qoqa	fanisa	yija	iholo	sabela	nikela	culisa	lalisa	bilisa	30

U-FVT kweNHLRP Ulwimi: isiXhosa Uvavanyo 1.2.B Ikopi yomfundi									
nana	mama	soso	susa	tata	ufudo	uyalila	ihagu	nasi	umile
igugile	isisele	umamele	itafile	qala	nali	iwele	eli	idada	umile
vala	qoqa	fanisa	yiya	iholo	sabela	nikela	culisa	lalisa	bilisa



IKota 2 Ifomu yohlalutyo

U-FVT kweNHLRP

Ulwimi: isiXhosa

IBanga 1 IKota 2

Ifomu yohlalutyo

Izandi 1.2.A	Ukubalwa kweempazamo	Kukonke / Zizonke
a		
e		
i		
S		
b		
l		
T		
n		
d		
M		
S		
M		
D		
T		
o		
q		
u		
h		
g		
y		
A		
Y		
H		
b		
l		
E		
s		
m		
l		
d		

IBANGA 1 | IKOTA 2 IFOMU YOHLALUTYO

U-FVT kweNHLRP Ulwimi: isiXhosa IBanga 1 IKota 2 Ifomu yohlalutyo		
Amagama 1.2.B	Ukubalwa kweempazamo	Kukonke / Zizonke
nana		
mama		
soso		
susa		
tata		
ufudo		
uyalila		
ihagu		
nasi		
umile		
igugile		
isisele		
umamele		
itafile		
qala		
nali		
iwele		
eli		
idada		
umile		
vala		
qoqa		
fanisa		
yiya		
iholo		
sabela		
nikela		
culisa		
lalisa		
bilisa		



INkqubo yoHlolo

IBANGA 1 IKOTA 2

I-ATP ehlaziyiweyo ibonelela ngovavanyo olusekwe esikolweni kwikota nganye. Ngokubhekiselele koku, ezi zakhono zilandelayo kunye neengcamango kufuneka zivavanywe kwiKota 2:

ICANDELO	UMSEBENZI
 Ukuphulaphula nokuthetha	Uphulaphula ibali eliqhelekileyo. Ubalisa kwakhona ibali. Uchonga ingcamango ephambili.
 Izandi	Uchonga ubudlelwane besandi esisodwa – izikhamiso neekhonsonanti.
 Ukufunda nengqiqo nokuqonda	Ufunda ngokuvakalayo kwincwadi ekwinqanaba lakhe. Usebenzisa amagama asetyenziswa rhoqo kunye neZandi ukucacisa amagama. Uqikelela ibali esebenzisa imifanekiso. Uxoxa ngebali echonga abalinganiswa nengcamango ephambili.
 Ukubhala ngesandla	Ubhala oonobumba abancinane ngokuchanekileyo.
 Ukubhala	Ubhala amagama esebenzisa Izandi ezifundiweyo. Unegalelo lezimvo kwibali leklasi.

IMIZEKELO YEMISEBENZI YOHLLOLO

- Le misebenzi yohlolo iyilelwe ukuba yinxalenye yenkqubo yeNHLRP.
- Apho kufanelekileyo, iimvavanyo zoFVT lweNHLRP zibandakanyiwe njengenxalenye yenkqubo yohlolo.
- Le misebenzi yohlolo ingasetyenziswa njengoko injalo okanye ilungiselwe ukulungela iimfuno zesithili.



Ukuphulaphula nokuthetha

Uphulaphula ibali eliqhelekileyo.

Ubalisa kwakhona ibali.

Uchonga ingcamango ephambili.

Umsebenzi

- Yenxa oku kwikota yonke ngexesha lokuFunda noTitshala.
- Ekupheleni kwesifundo, bizela abafundi abambalwa edesikeni yakho.
- Cela umfundi ngamnye akubalise ibali kwakhona, aze aphenndule le mibuzo ilandelayo:
 - a. Ucinga ukuba eli bali lingantoni?
 - b. Ufunde ntoni kweli bali?

Imimiselo

Xelela abafundi ukuba xa bebalisa ibali, maba:

- Balise ibali ngolandelelwano oluchanekileyo: kwaqala kwenzeka ntoni, kwalandela ntoni kwagqibela ntoni.
- Babize izinto kube kanye: bangaphindaphindi.
- Hlola umfundi ngamnye usebenzisa irubrikhi elandelayo.

IRUBRIKHI	INQANABA 1	INQANABA 2	INQANABA 3	INQANABA 4
Ubume nokulandelelana	Umfundi ubalisa amasuntswana ebali ngokulandelelana kwawo ngendlela engeyiyo.	Umfundi ubalisa inxalenye yebali ngolandelelwano oluchanekileyo.	Umfundi ubalisa inkoliso yebali ngolandelelwano oluchanekileyo.	Umfundi ubalisa ibali ngokulandelelana kwalo ngokuchanekileyo.
Utyibiliko	Umfundi uhlala enqumama, athandabuze kwaye awaphinde amagama okanye amabinzana.	Ngamanye amaxesha umfundi uyanqumama, athandabuze kwaye awaphinde amagama okanye amabinzana.	Umfundi ubalisa ibali ngotyibiliko, ngamanye amaxesha uyanqumama, athandabuze kwaye awaphinde amagama okanye amabinzana.	Umfundi ubalisa ibali ngotyibiliko nangokuzithemba, ngaphandle kokunqumama, ukuthandabuza okanye ukuphinda amagama okanye amabinzana.
Ukuchongwa kwengcamango ephambili	Umfundi akakwazi kuchonga ingcamango ephambili yebali, nkqu nangenkxaso katitshala.	Umfundi uchonga ingcamango ephambili yebali ngenkxaso katitshala.	Umfundi uchonga ingcamango ephambili yebali, kodwa ngokuthandabuza okuthile.	Umfundi uchonga ngokuzithemba ingcamango ephambili yebali.



Izandi

Uchonga ubudlelwane besandi esisodwa (izikhamiso neekhonsonanti).

Umsebenzi

- Yenza oku ukuphela kwekota.
- Sebenzisa uvavanyo loFVT kweNHLRP: 1.2.A

Ukuphunyezwa

- Biza abafundi ngabanye ngabanye bagqibezele uvavanyo loFVT, ngokwemiyalelo.
- Sebenzisa le theyibhile yoguqulo ingezantsi ukuguqulela kwinqanaba.

Inani lezandi ezifundwe ngokuchanekileyo	INQANABA
1 - 8	1
9 - 15	2
16 - 23	3
24 - 30	4



Ukufunda

Ufunda ngokuvakalayo kwincwadi ekwinqanaba lakhe.

Usebenzisa amagama asetyenziswa rhoqo kunye nezandi ukucacisa amagama.

Umsebenzi

- Yenza oku ukuphela kwekota.
- Sebenzisa uvavanyo loFVT kweNHLRP: 1.2.B

Ukuphunyezwa

- Biza abafundi ngabanye ngabanye bagqibezele uvavanyo loFVT, ngokwemiyalelo.
- Sebenzisa le theyibhile yoguqulo ingezantsi ukuguqulela kwinqanaba.

Inani lamagama afundwe ngokuchanekileyo	INQANABA
1 - 4	1
9 - 15	2
16 - 23	3
24 - 30	4



Ingqiqo nokuqonda

Uqikelela ibali ngokusebenzisa imifanekiso.

Uxoxa ngebali echonga abalinganiswa nengcamango ephambili.

Umsebenzi 1

- Yenza oku kwikota yonke ngexesha lezifundo zokuBalisa amaBali ngobuChule zangoLwesithathu.
- Sebenzisa izifundo ezinikwe kwisiCwangciso sokuFundisa seNHLRP.
- Sebenzisa iNcwadi yokuFunda enguNdoqo yeKota 2 yeNHLRP: ImiFanekiso yokuBalisa amaBali ngobuChule (amaphepha 50, 64, 78 okanye 92).

Ukuphunyezwa

- Njengoko abafundi begqibezela umsebenzi, hambahamba uphulaphule iimpendulo zomfundi ngamnye kumsebenzi.
- Hlola umfundi ngamnye usebenzisa irubrikhi elandelayo.

IRUBRIKHI	INQANABA 1	INQANABA 2	INQANABA 3	INQANABA 4
Ukulungelelaniswa komfanekiso nebali	Umfundi utsala nzima ukuqikelela ibali ngokubhekisele kumfanekiso. linzame zenziwe ukuqaphela abalinganiswa okanye indawo.	Umfundi uzama ukulungelelanisa ibali nomfanekiso. Abalinganiswa kunye/ okanye indawo zikhankanyiwe kwaye zibandakanyiwe. Nangona kunjalo, uthotho lweziganeko eziqikelelweyo azibonakalisi ngqiqo okanye umdla.	Umfundi ulungelelanisa ibali nomfanekiso. Abalinganiswa kunye nendawo bakhankanyiwe kwaye zibandakanyiwe, kwaye uthotho lweziganeko luqikelelwe.	Umfundi ulungelelanisa ngokucacileyo ibali nomfanekiso. Abalinganiswa kunye nendawo bakhankanyiwe zachazwa, kwaye uthotho oluqiqiweyo lweziganeko ezinika umdla luqikelelwe.

Umsebenzi 2

- Yenza oku kwikota yonke ngexesha lokuFunda noTitshala.
- Ekupheleni kwesifundo, bizela abafundi abambalwa edesikeni yakho.
- Buza umfundi ngamnye le mibuzo ilandelayo:
 - a. Ngoobani abalinganiswa abaphambili ebalini? Nika amagama abo okanye ubachaze.
 - b. Ucinga ukuba eli bali lingantoni?
 - c. Ufunde ntoni kweli bali?
- Hlola umfundi ngamnye usebenzisa irubrikhi elandelayo.

IBANGA 1 | INKQUBO YOHLLOLO

IRUBRIKHI	INQANABA 1	INQANABA 2	INQANABA 3	INQANABA 4
Ukuchongwa kwabalinganiswa	Umfundi utsala nzima ukuchonga okanye achaze namnye kubalinganiswa.	Umfundi uchonga okanye uchaza abanye babalinganiswa.	Umfundi uchonga bonke abalinganiswa, kodwa ngokuthandabuza okuthile.	Umfundi uchaza bonke abalinganiswa ngokuzithemba.
Ukuchongwa kwengcamango ephambili	Umfundi akakwazi kuchonga ingcamango ephambili yebali, nkqu nangenkxaso katitshala.	Umfundi uchonga ingcamango ephambili yebali ngenkxaso katitshala.	Umfundi uchonga ingcamango ephambili yebali, kodwa ngokuthandabuza okuthile.	Umfundi uchonga ngokuzithemba ingcamango ephambili yebali.



Ukubhala ngesandla

Ubhala oonobumba abancinane ngokuchanekileyo.

Umsebenzi

- Yenza oku kwikota yonke ngexesha lezifundo zokuBhala ngesandla.
- Sebenzisa izifundo ezinikwe kwisiCwangciso sokuFundisa seNHLRP.
- Ngexesha lezifundo, hambahamba ujonga izakhono zabafundi zokubhala ngesandla.
- Xa kuza kuphela ikota, jonga iincwadi zabafundi ujonge inkqubela yabo yokubhala ngesandla.
- Hlola umfundi ngamnye usebenzisa irubrikhi elandelayo.

IRUBRIKHI	INQANABA 1	INQANABA 2	INQANABA 3	INQANABA 4
Ukwakhiwa konobumba omncinci	Umfundi utsala nzima amaxesha amaninzi ukukhumbula indlela echanekileyo yokuqala kunye necala aya kulo. Uninzi loonobumba abancinci bakhiwe kakubi okanye ababunjwanga kakuhle.	Umfundi ngamanye amaxesha utsala nzima ukukhumbula indlela echanekileyo yokuqala kunye necala aya kulo. Abanye oonobumba abancinci bakhiwe kakubi okanye ababunjwanga kakuhle.	Umfundi uyazazi iindlela zokuqalisa ezichanekileyo zokuqalisa kunye necala aya kulo. Oonobumba abancinci bakhiwe ngoku-chanekileyo kodwa ucoceko lufuna ukunikwa ingqalelo.	Umfundi uyazazi iindlela zokuqalisa ezichanekileyo zokuqalisa kunye necala aya kulo. Oonobumba abancinci bakhiwe ngoku-chanekileyo nangoku-cocekileyo.



Ukubhala

Ubhala amagama esebenzisa Izandi ezifundiweyo.
Unegalelo lezimvo kwibali leklasi.

Umsebenzi 1

- KwiiVeki 2–7 ngooLwesihlanu, abafundi bagqibezela umsebenzi wokwAkha amaGama besebenzisa Izandi ezikwiNcwadi enguNdoqo, amaphepha: 53, 67, 75, 81 no89.
- Ekupheleni kwesifundo sangoLwesihlanu qokelela iincwadi zabafundi ukulungiselela uhlobo.
- Hlola umfundi ngamnye usebenzisa irubriki elandelayo.

IRUBRIKHI	INQANABA 1	INQANABA 2	INQANABA 3	INQANABA 4
Inani lamagama achanekileyo akhiwe ngeveki nganye	Ngokomyinge, umfundi wakha 0–3 samagama ngeveki nganye. Akukho kukhula kubonakalayo kwinani lamagama ngokuhamba kwexesha.	Ngokomyinge, umfundi wakha phakathi kwe4–6 samagama ngeveki. Kukho ukukhula kwenani lamagama ngokuhamba kwexesha.	Ngokomyinge, umfundi wakha phakathi kwe6–8 samagama ngeveki. Kukho ukukhula kwenani lamagama ngokuhamba kwexesha.	Ngokomyinge, umfundi wakha 7 nangaphezulu samagama ngeveki. Kukho ukukhula okucacileyo kwinani lamagama ngokuhamba kwexesha.
Ukuntsokotha kwamagama akhiweyo	Umfundi wakha amagama amafutshane, alula esebenzisa iifonimi eziqhelekileyo. Kukho uthotho lweempazamo okanye amagama angagqitywanga.	Umfundi wakha amagama amafutshane, alula esebenzisa iifonimi eziqhelekileyo. Kukho iimpazamo ezimbalwa okanye amagama angagqitywanga.	Umfundi wakha amagama alula nantsokothileyo esebenzisa iifonimi eziqhelekileyo nezintsha. Kukho iimpazamo ezithile okanye amagama angagqitywanga.	Umfundi wakha amagama alula nantsokothileyo esebenzisa iifonimi eziqhelekileyo nezintsha. Umfundi akafane enze mpazamo.

Umsebenzi 2

- Yenza oku ngexesha lesiFundo sokuBhala sangoLwesithathu kwiiVeki 5, 6 okanye 7.
- Sebenzisa izifundo ezinikwe kwisiCwangciso sokuFundisa seNHLRP.
- Qaphela igalelo labafundi ngexesha lokucwangciswa kwezifundo.
- Hlola umfundi ngamnye usebenzisa irubriki elandelayo.

IBANGA 1 | INKQUBO YOHLOLO

IRUBRIKHI	INQANABA 1	INQANABA 2	INQANABA 3	INQANABA 4
Igalelo lezimvo kwibali leklasi	Umfundi uyathandabuza ukunikela izimvo ngokuzithandela. Xa ebuzwa ngqo, uninzi lwezimvo zakhe azicacanga kakuhle kunye / okanye ukubonakalisa ezizezakhe.	Umfundi ulangazelela ukuza nezimvo kwaye ngamanye amaxesha uyagqithisa. Ezinye zezimvo zomfundi ziyimpinda yezimvo zangaphambili okanye asizombono zizezakhe.	Umfundi uziphethe kakuhle kwaye unegalelo lezimvo ngaphandle kokugqithisa. Ezinye zezimvo zomfundi asizombono zizezakhe okanye zinokungacaci.	Umfundi uziphethe kakuhle kwaye unegalelo lezimvo ngaphandle kokugqithisa. Izimvo zabafundi ubukhulu becala zizimvo zabo zoqobo kwaye zicacile.

IBANGA1 | IBANGA1 AMAPHEPHA OKUREKHODA O-FVT

U-FVT kweNHLRP

Ulwimi: isiXhosa

IBanga 1

Iphepha lokurekhoda loFVT: Ukufunda amagama

[illegible]

IBANGA 1 | IBANGA 1 AMAPHEPHA OKUREKHODA O-FVT

U-FVT kweNHLRP

Ulwimi: isiXhosa

IBanga 1

Iphepha lokurekhoda loFVT: Ukufunda umhlathi kunye novavanyo lwengqiqo nokuqonda lomlomo

[illegible]



NHLRP | National Home Language Reading Programme “